Isalathiso: 20190911-9092
Inombolo yefayili: 12/2/13/6
Imibuzo: A Henriques

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0009/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingekho phantsi kwesiqendu 21

Isihloko: **Iilisti zamaxabiso ezinto zokubhala zonyaka wesithathu (*Contract B/WCED 2381/16*) nezinto zokucoca, ezokusebenza egadini nezombane (*Contract B/WCED 2382/16*) ukulungiselela ithuba elisusela kwi-01 Oktobha 2019 ukuya kwi-30 Septemba 2020**

1. Zazazisiwe izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 kumhlathi 4 weNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo 0009/2018 ukuba iilisti zamaxabiso zonyaka wesibini ziya kuphelelwa ngowe-30 Septemba 2019.

2. Kunikwa izikolo ke ngoku iilisti zamaxabiso amatsha ngokumalunga neemvumelwano ezikhoyo zokuthengwa nokusiwa kwezinto zokubhala nezokucoca, ezokusebenza egadini nezombane ezilawulwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni *(WCED)*.

3. Ezi listi zamaxabiso zonyaka wesithathu ziqhotyoshelwe apha ziya kuqala ukusebenza ukususela ngowe-01 Oktobha 2019 ukuya kowe-30 Septemba 2020. Kucelwa izikolo zisebenzise iilisti zamaxabiso ezifanelekileyo ngokwemimandla yazo.

4. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuwo onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-L McGLENATENDOLF
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEZEMFUNDO
UMHLA: 2019-09-13